



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

GRADE 12

SEPTEMBER 2018

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P1
IMEMORANDAM**

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha asi-8.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Imigaqo yokuMakisha uvavanyo lokuqonda.

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)
2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, musa ukunika isohlwayo. Kuyamkeleka ukusetyenziswa kwegama elisuka kolunye ulwimi kwitekisi ukuba liyayincedisa impendulo oku kuya kwamkeleka.
3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase**, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE / HAYI noNDIYAVUMELANA / ANDIVUMELANI. Isizathu/ ukunika ubungqina.
4. Nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.
5. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu: YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANISO / LULUVO. Ukunika isizathu/ ukunika ubungqina/ ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.
6. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ lingqanyaniswe.
7. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini – amathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.
8. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.
9. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****1.1 ISICATSHULWA**

- 1.1.1. Umba wolwimi wenza uMzantsi Afrika ube lilizwe elinika umdla. ✓ (1)
- 1.1.2. A ✓ /Ukukhanya. ✓ (1)
- 1.1.3. Ugxininisa/unyanzelisa ukusetyenziswa kweelwimi ezili-12. ✓✓ (2)
- 1.1.4. Lulwimi olifundayo ukuze ukwazi ukulisebenzisa alufani nolwimi ozelwe nalo ✓ /asilolwimi lwakowenu. ✓ [Nayiphi na kwezi] (1)
- 1.1.5. Yi-akronim kuba unobumba ngamnye umele igama lalo. ✓ (1)
- 1.1.6. Ibethelela ukuba iphondo ngalinye limele ukusebenzisa ezona lwimi zithethwa ngabemi abaninzi kwiphondo elo. ✓ (1)
- 1.1.7. IsiXhosa, ✓ / IsiNgesi, ✓ / isiSotho. ✓ [Nayiphi na kwezi] (2)
- 1.1.8. Kumfundi. ✓ (1)
- 1.1.9. Ubethelela ukuba ezilwimi zitshontsh'entla ✓✓ /zithethwa kakhulu eNtshona Sana. ✓✓ [Nayiphi na kwezi] (2)
- 1.1.10. (a) Ukukhuthaza abantwana bathethe iilwimi zasemzini ngaphezu kolwimi lwabo. ✓
(b) Sikhuthaze abantwana bathethe isiNgesi emakhaya endaweni yokusebenzisa ulwimi lwabo. ✓ (2)
- 1.1.11. Kufuneka sibe nentlanganiso sithethe ngeelwimi zethu ✓✓ / kufanelekile ukuba sibe nentlanganiso enkulu ngeelwimi zethu. ✓✓ [Nayiphi na kwezi] (2)
- 1.1.12. Umbuzo buciko. ✓✓ (2)
- 1.1.13. Ukuxatyiswa kwelwimi zonke zibe kumgangatho omnye. ✓✓ (2)
- 1.1.14. Luluvo kuba uthi umbhali ezinye izizwe zithumela oonozakuzaku bakhathshwe ziitoliki. ✓ (1)
- 1.1.15. Qhobosha ulwimi lwesihlangu sakho ✓ / Ulwimi oluthethwe nguSikhu lusifake engxakini. ✓ [Nayiphi na impendulo echanekileyo] (1)
- 1.1.16. Isihloko sihambelana twatse nomxholo wesi sicutshulwa, kuba sithetha ngeelwimi nokubaluleka kwazo. ✓✓ (2)

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

- 1.2 1.2.1 Amadoda ✓ / isiduna. ✓ (1)
[Nayiphi na kwezi]
- 1.2.2 Imbonakalo kunye nesinxibo samadoda. ✓ (1)
- 1.2.3 Yigalufa kukho iphini lokuyidlala ✓✓/yigalufa kukho isixhobo (2)
sokuyidlala. ✓✓
- 1.2.4 Ababini kuphela banxibe ooshoti/abathathu kuphela baphethe (2)
amaphini. ✓✓
[Nayiphi na impendulo echanekileyo iyakwamkeleka]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

2.1 Ukumakisha isishwankathelo:

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

Ulwabiwo-manqaku:

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezi-7(inqaku elinye ngengongoma nganye)
- Amanqaku ama-3 olwimi
- Amanqaku ewonke: ali-10

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo:

- 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
- 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.

- 6–7 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
- 1–5 amanqaku acatshulwe ngqo: Mekanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

Ubalo-magama:

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibhalanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Xa udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphele kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

IINGONGOMA EZICATSHULWE NJENGOKO ZINJALO.		IINGONGOMA EZINOKUBHALWA NGUMFUNDI.	
1.	Ukudibana nabantu njengokuphola nabahlobo okanye ukuya ecaweni kunika iqonga elihle lokuphelisa isitresi kwaye uphole. Xa uphakathi kwabantu uphazamisa ingqondo yakho.	1.	Hlangana nabahlobo uye enkonzweni wonwabe ngalo ndlela uphelisa uxinzelelo.
2.	Inkxaso yabantu abangqonge ubomi bakho nayo idlala indima enkulu yokuhlisa uxinzelelo olumandla lwemihla ngemihla	2.	Ukuhlangana nokuxhaswa ngabahlobo ebomini kuphelisa istresi.
3.	Ukufunda iincwadi kungakunceda uphazamise ingqondo kwaye ikuse kwelinye ilizwe. Kuphando olwenziwe ngu Gregry Berns ufumanise ukuba ukufunda kukhuthaza ukusebenza kwee-neurons ezayanyaniswa nento ofunda ngayo, umzekelo xa ufunda incwadi emalunga nokudada kwenza ingqondo icinge ngako, kwaye iziphumo zoko zihlala ixesha elide emva kokuba ugqibile ukuyifunda.	3.	Funda iincwadi ukuze ukhuthazeke engqondweni, loo nto ikhulisa ulwazi iphelisa nokucinga kakhulu.
4.	Ukuthatha uhambo kuyayivula ingqondo, kwaye iholidayi ingayindlela entle yokuphola. Akufuneki ude uchithe imali ongenayo xa uthatha uhambo. Ungaya njee ezindaweni ezifikelelekayo ezintle ukhempishe khona	4.	Phuma uye eholidayini oko kuza kuhlaziya ingqondo iphole ingacingi kakhulu.
5.	Ukuzilolonga akufuneki kube duru okanye kube sejimini. Ukubaleka ukuwaka neyoga zezinye zezinto ezicutha isitresi. Ezi zinto ungazenza ungakhange ukhuphe mali eninzi. Yenza ukuzilolonga kube yinxalenye yobomi bakho.	5.	Lolonga umzimba wakho wonge nemali. Phila ngokuzigcina uzijongile ngalo lonke ixesha.
6.	Ubugcisa onabo kufuneka usoloko ubujongile kuba xa ungabujonganga buyalibaleka. Oko kukuthi uphele ulibala italente yakho ungaqondanga ngenxa yoxinzelelo onalo, okanye yexesha lokungahoyi ubugcisa onabo.	6.	Khathalela italente yakho musa uvuma ukuba uyilibale.
7.	Yitya ukutya okunesondlo nokunika ixesha lokuphumla ngexesha elifanelekiyo. Umzekelo ixesha lokulala lixesha lokulala, hayi le nto wofika abantu bengalali ebusuku befundenwe luxinzelelo ngenxa yokutya okungenasondlo.	7.	Yitya ukutya okusempilweni ufumane nethuba lokulala.
(122 amagama)		(65 amagama)	

QAPHELA: Izifinyezi okanye i-akronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kwisishwankathelo mazibalwe ngokwamagama azimeleyo.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**Ukumakisha iCandelo C**

1. Upelo
 - Iimpendulo ezingongoma-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
 - Kwiimpendulo ezi zivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
 - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezi, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

- | | | |
|-----|--|-------------|
| 3.1 | IBio-oil. ✓ | (1) |
| 3.2 | Kukunika umdla neenkukacha ezibalulekileyo zale ntengiso ukuze ube nolwazi kunye nomfanekiso ngqondweni wokuyibona. ✓✓ | (2) |
| 3.3 | Isusa amabala ✓ isusa izikretshi ✓ isusa amaqhakuva. ✓
[Nasiphi na isibini] | (2) |
| 3.4 | Ngephanyazo. ✓ | (1) |
| 3.5 | Kufunwa bakwazi ukunxibelelana nomzi mveliso, bafowune babhale/batsale umnxeba. ✓✓ | (2) |
| 3.6 | Ngamashumi asibhozo anethoba eeRanti akananto. ✓ | (1) |
| 3.7 | C ✓/ Ulwimi olutsalayo. ✓
[Nayiphi na kwezi] | (1) |
| | | [10] |

UMBUZO 4**IKHATHUNI**

- 4.1 Nyaka omtsha. ✓ (1)
- 4.2 A ✓ / Uyamphoxa. ✓
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 4.3 Imophu ✓ / ibhakethi / i-emele. ✓
[Nasiphi na isibini] (2)
- 4.4 Akulunganga – libonisa ubuhlanga. ✓✓ (2)
- 4.5 Ubonisa ukuba nguyu umphathi ✓✓ / Ubonisa ukuba nguyu umqeshi kwaye
ixesha limkile uyabaxhesha. ✓✓
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 4.6 NguZine ✓ uwugqibile owakhe umsebenzi ngexesha. ✓ (2)
- [10]**

UMBUZO 5**IPROZI**

- 5.1 5.1.1 ... ukuze. ✓ (1)
- 5.1.2 Kwitishala. ✓ (1)
- 5.1.3 Isisekelo. ✓ (1)
- 5.1.4 Yona ✓ yena. ✓ (2)
- 5.1.5 D ✓ / Inyaniso. ✓
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 5.1.6 Iziko lemfundo lifundisa abantwana. ✓ / iziko eliqeqesha abantwana. ✓
Iziko kulapho kuphekwa khona ukutya. ✓
[Nasiphi na isibini] (2)
- 5.1.7 Inyathi ibuzwa kwabaphambili. ✓✓ (2)
- 5.1.8 Abahlobo ✓ benene bahlala be ✓ khomba iindlela ezilungileyo. (2)
- 5.1.9 ... ekhombisa. ✓✓ (2)
- 5.2 **UMFANEKISO**
- 5.2.1 Ekhanyayo. ✓ isibaluli. ✓ (2)
- 5.2.2 ... umile. ✓✓ (2)
- 5.2.3 Ipolisa le ndlela lithe makanxibe impahla ekhanyayo. ✓✓ (2)
- [20]**

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80